# Mna ndindim. Ndikhethekile. Usapho lwam luyandithanda kakhulu.



* Xa umntwana elusana, ubona, uva kwaye afunde izinto ezininzi.

* Inkoliso yokukhula yenzeka ekuzalweni kwakhe kuye kwisithathu.

* Amava akhayo, njengokuwola nokuthetha, kunegalelo ekukhuleni kwengqondo yomntwana.

**Masibawole sithethe nabantwana bethu yonke imihla!**

# Ndinegama elimnandi. Likhethekile.



* Abantwana kudingeka bawaxabise amagama abo.
* Abantwana bayathanda ukuzoba imifanekiso yabo ubuqu.
* Abantwana bamelwe kukuxelelwa ukuba kungani na amagama abo ekhethekile nje.

**Abantwana masibaxelele amabali angabo nangamagama abo.**

# Ndingumntwana waseMzantsi Afrika.



* Abantwana bamelwe kukufundiswa ngeesimboli zaseMzantsi Afrika.

* Wonke umntwana waseMzantsi Afrika umelwe ku-kuba nesatifiketi sokuzalwa.

* Abantwana bamelwe kukufundiswa kusekwangoko kubomi babo  malunga nokuba bangobani na eMzantsi Afrika.

**Masithethe nabantwana bethu ngamafa abo emveli, kwanokuba bavela phi na eMzantsi Afrika!**

# Ukutya okusempilweni kunceda ingqondo yam ikhule ibe nkulu futhi yomelele!



* Ingqondo yomntwana ikhula ngokukhawuleza ukusuka ekuzalweni ukuya kwiminyaka emithathu.

* Isondlo esilungileyo sibaluleke kakhulu ekukhuleni kwengqondo.

* Wonke umntwana umelwe kukuba nokutya oku-ninzi okunesondlo yonke imihla.

## Masinike abantwana bethu ukutya okulungiswe kakuhle nokusempilweni yonke imihla!

# Ndingalunceda usapho lwam.



* Abantwana abancinci maxawambi bayathanda ukuthabatha inxaxheba kwimisetyenzana yasekhaya.
* Abantwana abancinci abasoloko bezazi iindima zabo zesini.
* Abantwana bayakonwabela ukuba yinxalenye yemisebenzi yosapho ngendlela yokudlala.

**Masibakhuthaze abantwana bethu badlale ngekhaya!**

# Xa ndigula, usapho lwam luyandigcina.



* Abantwana abaseziintsana bafumana amakhadi abo “eNdlela eya eMpilweni”.
* Abazali bamelwe kukugcina ikhadi “leNdlela eya eMpilweni” kwindawo ekhuselekileyo.
* Abantwana abancinci bamelwe kukusiwa kwizi-bonelelo zamayeza ukuze kukhangelwe impilo nogonyo oluyimfuneko.

**Masiqinisekise ukuba abantwana bethu bafumana ukhangelo lwempilo rhoqo.**

# Ndiyathanda ukuzoba, nokupeyinta, noku“bhala”.



* Xa abantwana beqala ukufunda ukuhlala, banga-bamba izinti neepensile.

* Kwasebuncinaneni, abantwana abancinci bayathanda ukubhala amarhoqololo phezu kwezinto.

* Abantwana baziva bekhuthazekile ukuphuhlisa izakhono zabo zokubhala xa benconywa ngokubhala am-arhoqololo, ukuzoba okanye ukupeyinta.

**Masibonelele abantwana bethu ngamathuba okubhala amarhoqololo, ukupeyinta okanye ukuzoba.**

# Ndiyathanda ukudlala ngamanani nangeepateni.




* Xa befunda ukuthetha, abantwana bayathanda ukubala izinto ezibangqongileyo.
* Abantwana bachonga iipateni neemilo ezikoku-bangqongileyo.
* Ngokumatanisa imisebenzi, abantwana banga-wanakana amanani neemilo.

**Masizobe futhi sithethe ngeepateni neemilo kunye nabantwana bethu.**

# Ndiyathanda ukumamela amabali!



* Abantwana bayathanda ukubaliselwa amabali.
* Amabali anokuba ngeentsapho zabo, anokuba nga-bo ubuqu, okanye apho luhlala khona usapho.
* Abantwana bayonwaba xa befundelwa amabali.

**Masichithe ixesha sifundela futhi sibalisela abantwana bethu amabali.**

# Ndiyathanda ukuthetha nokucula nokuhleka.



* Ukucula kukhuthaza abantwana bafunde amagama amatsha.

* Ukudanisa kungasetyenziswa njengendlela yokuthamba kwabantwana.

* Ukuthetha nabantwana kuyabanceda bakhule uku-zazi bona.

**Masifumane ixesha lokuthetha, ukucula nokudanisa nabantwana babo!**

